

Phambili!

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality

OVERSTRAND

Vorentoe/Forward

Indaba 4/2011 Julayi 2011

INQAKU LOMHLELI

MASIXABISANENI

Sinamkela ngezandla ezishushu nakolu uhlelo lwePhambili.

Kwakhona ndiyakuvuyela ukunincazela iindaba zePhambili.

Inkxaso yenu kunye nokuyithanda kwenu iPhambili kundenza ndihlale ndijonge phambili ekuniphakeleni uhlelo olungungqa-phambili noluhucukileyo.

Kwinyanga ephelileyo sibe noSuku looTata oluthandwayo kwaye sonke siye sanyanzeleka ukuba sicinge ngendima ebalulekileyo edlalwa ngumntu ongutata kubomi bethu. Omnye wemisebenzi yakhe ebalulekileyo kwiintso sapho nemizi kukunika ingqeqesho. Le into idla ngokubangela ubomi obumnandi kuba kaloku wonk' ubani uyazi ukuba isiluleko okanye uqeqesho lwakhe lunceda kwathina.

Kungenxa yesi sizathu le nto ndicaphula amazwi oMphathi kaMasipala kule nkalo. Sonke siyinxalenye yosapho lwase-Overstrand. Xa izinto ziyihambela kakuhle ii-Overstrand, nathi ziya kusihambela kakuhle. Asinakukhazela oko angasenzeli kona umasipala njengabasebenzi yaye nathi sitanele siyenzele konke okusemandleni ethu i-Overstrand.

Xa ndikhangela kuluhlu lweengxakana, ndiyaqonda ukuba kukho intetho ethi 'inkqayi ingena ngeentlontlo'. Ukuba asizisukumeli ngeenyawo, siya kuzibhaqa sikwembi inyula yona. Kodwa manditsho phandle ndithi: andiqondi ukuba ukho konke konke umntu onokuthi asiyonqakali le. Ngoko masibhinqe omfutshane size sibonise uMnu. uZybrands ukuba uMasipala wase-Overstrand uxabisekile.

Ukubonisa indlela esixatyiwa ngayo thina njengabasebenzi, mandithi thsuphe into yokuba kwiintlanganiso yokugqibela yeBhunga uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie ukhuphi iziqinisekiso ezinika oogxa bethu abathathu abathe babalasele kuqeqesho: abasebenzi ababini abanenkono ende yeminyaka engamashumi amabini notata onontombi etha yathatshela kumdlalo wamanqindi okhabayo eMzantsi Afrika. Yile nto kuthiwa luthando ke leyo!

Kwinyanga ephelileyo iqela elipheka iPhambili beliziqiniquini. Lonke iSebe lezoNxibelelwano lizichithile iintente. Ngoku asisekho kwicala elingakuSodolophu, kodwa sifudukele kwicala elingakuMphathi kaMasipala.

Kuloo mduntsuzo besiwenza sikwazile ke noko ukuniphathela uncuthu mazangwa lweleta yeendaba yabasebenzi eniza kuyithanda.

Okokugqibela, ndifuna ukukhumbuzwa wonk' ubani ukuba ukuxatyiwa sesona siphos silungileyo onokuze usifumane. Akufuneki nesent' emdaka ukuze usifumane, kodwa bonisa nje indlela obaxabisa ngayo abanye – ngento abayenzileyo – yaye ndingakuqinisekisa ndithi loo nto ibangela uvuyo nochulumano kuphela kulowo uyenza kuye. Masiziphe ixesha lokuxabisana, kungengakuba sinyeke ukufumana into ethile okanye ngenxa yokuba kuyinto efanelekileyo.

De kube lixesha elizayo, niziphathe kakuhle.

NOLUTHANDO ZWENI
UMHLELI



ZIYAXHALABISA IZIQHAMO ZOMSEBENZI

Kwintlanganiso yakutshanje yesigqeba esiphezulu sabaphathi, kuvakaliswe inkxalabo ngezinto ezenza abantu bangabi naziqhomo emsebenzini.

Egxininisa isibakala sokuba inkoliso yabasebenzi izinikele, inyanisekile yaye izijul' ijacu, uMphathi kaMasipala uWerner Zybrands uchaze le mikhwa ilandelayo etha yaphawulwa neku-bonakala ukuba ide yanochatha:

- Ukufika emva kwexesha emsebenzini, ikhefu leti elide, iiyure ezinde zesidlo sasemini nokugoduka ngaphambi kwexesha.
- Ukubaxa ikhefu lokugula.
- Ukungazifaki izicelo zekhefu okanye ikhefu lokugula.
- Ukudlala imidlalo yekhompyutha okanye ukusebenzisa kakubi i-intanethi.
- Iminxeba emide yobuqu nokuba kukunomyayi okanye umnxeba kamasipala.
- Ukusoloko usenza imiyalezo ngonomyayi, kuFacebook, uTwitter nakuMXit.
- Kubonakala ukuba kweminye imisebenzi bekugqithiswa nje usana kunina okanye abantu bangavumi ukwenza imisebenzi ethile.
- Ukungazigcini iincwadi zokukloka.
- Ukuvumela abantwana okanye abantu abangaqeshwanga apha ukuba basebenzise iikhompyutha zikamasipala.
- Ukufunda okanye ukwenza umsebenzi wezifundo ngeeyure zomsebenzi.

- Ukusoloko usidl' iimbadu nabanye abasebenzi nokubenza bangasebenzi.

- Iingedle, ezithi ngokuchasene nomgaqo-nkqubo weBhunga, zisebenzise ngaphezu kwexesha elibekelwe bucala lemisuzo eli-10 ngexesha leti okanye ezitshaya rhoqo.

- Ukuvumela ngokuthe rhoqo abantwana babo kwii-ofisi za-bo ukuphuma kwesikolo.

- Ukungatyobelwa kwerejista okanye ukubhala inkcazelo engachananga malunga namaxesha okufika nokuhamba. Amaxesha achanileyo afanele abhalwe yonke imihla.

UMnu. uZybrands wenze isicelo kubo bonke abasebenzi ukuba bahlukane nokuzicandel' umgalagala ngale mikhwa okanye baya kuhlalana nenyok' iphung' umhluzi.

Uthe iBhunga, njengomqeshi, lizama ukudala iimeko ezingcono zomsebenzi kubasebenzi balo, ngokomz. ngokuthi lisebenzise inkqubo yeTASK, ukuvuzwa ngenxa yomsebenzi omhle, ukuphuhlisa kukabani ngokomsebenzi ngoncedo lwemfundo nezifundo zophuhliso, inkqubo yangaphakathi yonyuselo emsebenzini, yaye ngokubanzi, ngokudala iimeko ezimnandi zomsebenzi.

Ngoko ke singathi kuyinto elungileyo nesengqiqweni ukuba abasebenzi banyaniseke kwaye babe neziqhamo emsebenzini kangangoko kunokwenzeka, uMphathi kaMasipala waleke, angokuhlab' ikhwelo kumntu wonke ukuba asebenze ngaxhathalinye ekwenzeni i-Overstrand oyena masipala unendili kuMzantsi Afrika uphela!

I-OVERSTRAND ISHIYWE YINKOKELI EBALASELEYO

Amazwi okukhalela kaCeba uNicolette Botha-Guthrie, usodolophu ophetheyo kaMasipala wase-Overstrand.

Ukushiya ngokufa nguTheo Beyleveldt, ilungu lePalamente nowayefudula engusodolophu wase-Overstrand, kwisiBhedlele iGroote Schuur eKapa ngale ntsasa (oyiCawa umhla wesi-3 kuJulayi), kuyigqebhe iduma elikhulu i-Overstrand ngenye yeenkokeli zasekuhlaleni enamandla neyona yakha yanesiphiwo esingummangalisano. Bangqeba kakhulu abantu abafana naye. Ukuzondelela kwakhe nokuzithanda kwakhe iipolitiki kuza kukhumbuleka ngokwenene.

Ubesaziwa njengomntu ohlala ebeka phambili abantu bakhe, kwanaxa ke mhlawumbi ibinokuyaphula loo nto impilo yakhe. Ulukhonze ngokuthembeka uluntu yaye mna ndibe nenyhweba yokungena eziqiniquini zakhe kumasipala olungeleleneyo gqitha nonenkqubela.

Isithusile thina into yokusweleka kwakhe kuba ke noko ubonakala omelele kwaye esempilweni kwaye udlale indima ebalulekileyo kulonyulo lwakutshanje loomasipala kwesi sithili sase-Overberg. Wangeniswa esibhedlele ukuze kuthathwe izicwili emzimbeni wakhe ukuze kuhlolwe undonakele emva kokuthi mvanje akhale ngokudiniwa. Uvavanyo oluthe lwenziwa ludize ukuba kungenzeka ukuba unesigulo esisegazini (genetic disease).

UTheo Beyleveldt ubengumntu apha othi afumane impumelelo kuyo nantoni na ayenzayo: njengenjuze kwezemidlalo, ijoni nomakhwekhwekha kwezopolitiko. Ubengengomntu othanda ukuhlala esong' izandla, ikwayiloo nto nangoku eyenza ukuba azibandakanye nezopolitiko. Ubekholelwa kwelokuba ukwenza umahluko apha ngaphakathi kwakungcono kunezikhalazo ezivela ngaphandle.

Akuzange kube kudala saphawulwa saza samkelwa isakhono sakhe sobunkokeli xa wathi wazibandakanya nekomiti yewadi eHermanus nolawulo lwasekuhlaleni lweDemocratic Alliance

ngowama-2004. Ngowama-2006 iDA yase-Overstrand yafu-mana isininzi esicacileyo kulonyulo loomasipala phantsi kwakhe njenge-nkokeli.

Njengosodolophu ophetheyo akazange aphozise maseko kunoko waqalisa ukusebenzisa ubuncwane bukamasipala ngenjongo yokuphucula umgangatho wobomi babantu nendalo yase-Overstrand. Wabeka iinkqubo zokuqinisekisa ukuba iiprojekthi kunye neenkqubo zilawulwa ngeindlela exolisayo.

Naleyo yaphawulwa yaye ekugqibeleni i-Overstrand ayizange nje iwongwe ngamabhaso nangeembasa eziliqela kule minyaka yakutshanje, kodwa yakwatyunjwa nanjengomasipala ongumzekelo.

UTheo wayesaziwa ngokuthanda kwakhe abantwana, iinkonde neenkondekazi kwaneempula zikaLujaca. Njengesibini esingosodolophu yena nowakwakhe, uMarianne, bebesiwa bevuka belungiselela iintswelo zezo ntsizana.

UTheodor Barnardus Beyleveldt walibona ilanga ngowe-1948 ezalelwa kwisithili saseWarden yaye emva kokuphumelela ibanga leshumi eSentraal High School eBloemfontein, wazimanya noMkhosi woMzantsi Afrika ngowe-1966 waza wafumana isidanga iB Mil kwiZiko loMkhosi eliseSaldanha ngo-1969.

Ngowe-1999 wafumana umhlala-phantsi njengoBrigadiya Jikelele emva kweminyaka engama-34 yenkonzo yakhe. Ngelo xesha wayesele ephumelele izifundo zakhe zeNkumanda Nabasebenzi Bamazwe Ngamazwe kwelaseSpeyn, yaye wayekwafunde nokusithetha de abe ngathi usincanc' ebeleni iSpanish.



IQELA LETASK LIGQIBE UMSEBENZI OMKHULU

Inkqubo yeTASK yokuhlola kwemisebenzi iqale ngomhla we-10 kuNovemba wama-2011 ngokuhlola kwezikhundla zeJob Evaluation Committee (JEC) yingcali yakwa-Deloitte. La malungu ngala:

IGAMA	ISIKHUNDLA
Andre van Rooyen	UMphathi: Ezabasebenzi
Hanre Blignaut	Usekela-Mlawuli: iInkonzo ZooNonjineli
Mike Bartman	Usekela-Mlawuli: iInkonzo Zokusebenza
Clint le Roux	Usekela-Mlawuli: Ezemali
Desiree Arrison	UMphathi OPhezulu: iInkonzo Zezicwangciso
Carl Muller	Intsumpa: Amanzi Nogutyulo
Paul de Villiers	Intsumpa: Amenities
Theo Olivier	Igosa Eliphezulu LoLawulo
Nomvuyo Mbiyake	UMabhalane OPhezulu
Yolindi Nöthling	UMlawuli: Umsebenzi NeeProjekthi Ezizodwa

Ngomhla we-17 kuNovemba wama-2010 iJEC yaqeqeshwa nguMnu. uKen Humbel wakwaDeloitte. Leyo yaba yimbizo yeentsuku ezimbini yaye onke amalungu eJEC avakaliswa efanelekile ngabakwaDeloitte njengeTASK Job Evaluators.

Ngomhla wama-22 kuNovemba wama-2010 isikhundla sokuqala sahlolwa yiJEC saza esokugqibela isikhundla sahlolwa ngomhla wama-23 kuMeyi wama-2011. Zizonke zizikhundla ezingama-288 ezithe zahlolwa ezizezabasebenzi abangama-579. NgoMeyi wama-2011 iziphumo zezikhundla ezili-194 zabasebenzi abangama-384 zachazwa. Eziseleyo zachazwa ngoJuni wama-2011.

Lilonke inani lezo kwakufuneka ziphinde zahlolwa/izibheno ezafunyanwa kubasebenzi ngama-83, zizikhundla ezingama-55. Into ebangela ukuba kubekho ukungangqamani kwenani lezikhundla nelabasebenzi kungenxa yokuba zimbi izikhundla azikwazi ukuzimela geqe okanye zinokutshintshatshintsha.

Kuye kwalandelwa le nkqubo ilandelayo:

- Abasebenzi bafaka imisebenzi yabo ukuze ihlolwe okanye iphinde ihlolwe
- Umsebenzi wahlolwa yiJEC
- Kwezinye iimeko kuye kwafuneka kuthethwe nabaLawuli okanye abaPhathi ukuze bacacise izinto ezithile
- Iziphumo zokuhlola komsebenzi zathunyelwa kwaDeloitte ukuze kuqulunqwe ingxelo yeziphumo
- Le ngxelo yahlolwa ngabakwaDeloitte ngenjongo yokufaka amagqabaza okugqibela ngaphambi kokuba ingxelo yokugqibela yeziphumo ikhutshwe ngabakwa-Deloitte
- Ingxelo yokugqibela yangeniswa kubaLawuli nabaPhathi ukuze bagqabaze yasiwa nakuMphathi kaMasipala ukuze ayamkele, emva koko ke yachazwa.

AbakwaDeloitte bakholelwa kwelokuba inkqubo ehanjwe nguMasipala wase-Overstrand ibe yimpumelelo ngenxa yezi zizathu zilandelayo:

- Ukuzibophelela kweBhunga nesiGqeba esiPhetheyo kwinkqubo yeTASK
- Ukubandakanyeka kwesiGqeba esiphetheyo kunye namagosa aPhezulu emibutho

UMSEBENZI OMTSHA OKUQEQESHO UTHI I-OVERSTRAND NGUNGQA-PHAMBILI

UBathandwa Mbanjwa, onkaba yakhe iSe-Mount Frere eMpuma Koloni, ungumsebenzi omtsha okuqeqesho kwisiGqeba seziSeko zoPhuhliso noCwangciso. Ukwi-Hermanus Water Treatment Plant, eyaziwa ngcono njengePreekstoel. Ufundele iCivil Engineering kwiYunivesithi yezoBugcisa yaseKapa waza waphumelela idiploma ngowe-2007.

Emva kokugqibela izifundo zakhe uBathandwa uzifumanele umsebenzi eDBSA ngenkqubo ebizwa ngokuba yiSiyenza Manje, eyilelwe ukuxhasa uphuhliso lolwakhiwo eMzantsi Afrika.

Inkqubo yeSiyenza Manje inikezela ngobuchule nabasebenzi koomasipala abawa bevuka lulwakhiwo lweziseko zophuhliso. Le nkqubo ikwakhankathela noononjineli abaselula abafana noBathandwa ngenjongo yokuzisa amava kwiipprojekthi zeziseko zophuhliso, yaye – eyona nto ibaluleke nangakumbi – ukwazi indlela abaqhuba ngayo oomasipala. UBathandwa uza kufuthwa nguFrans Laubscher, oseBredasdorp.

Into ephambili kuye yindlela asebenza



Okunye noBathandwa Mbanjwa, ohleli ngaphambili, ngu-Irene Kroukamp, uTohlen Oppelt, uMartin Taylor, uIzak Henecke (ohleliyo) kunye noDeon Miggel, bonke abebekwizifundo zetelematics.

ngayo umasipala, nokuqonda okuninzi ngamanzi. UBathandwa uza kuchitha iiveki ezimbini e-Overstrand ukuza kubona imisebenzi efana nogutyulo, ukucocwa kwamanzi, ulawulo lwendlela nemibhobho yamanzi ezikhukula kwanolawulo lwenkun-kuma.

Ukwayinxalenye yenkqubo yobugoci-

kule nkqubo nesibakala sokuba ebese-benza kwiJEC

- Isibakala sokuba umgaqo-nkqubo weTASK usetyenziswa
- Imisebenzi ibikumgangatho ophezulu
- Amalungu eJEC aqeqeshwa aza axhotyiswa.

Inkqubo yokuhlola yenziwa kulelo lwekhompyutha yeTASK. Le nkqubo inemigangatho emihlanu yobugcisa yaye imisebenzi ihlolwe kusetyenziswa ezi ngongoma zilandelayo:

- **Ubucukubhede:** kuhlolwa imigangatho eyahlukeneyo yobunzima bomsebenzi;
- **Ulwazi:** kuhlolwa ubungakanani bubuchule obufunekayo kuloo msebenzi;
- **Ifuthe:** kubhekiselwa kubungakanani befuthe onalo lo msebenzi ngaphakathi nangaphandle kwentlangano;
- **Uxinezeleko:** kubhekiselwa kuxinezeleko oluhambisana nalo msebenzi (kumgangatho osisiseko wobugcisa ingcaciso yeNtlangano yamaZwe ngamaZwe yeza-baSebenzi ibandakanya nomsebenzi onzima emzimbeni).

Imigangatho yobuchule yile ilandelayo:

UMgangatho woBuchule V: Umgangatho wobugcisa

Lo mgangatho wobuchule ufuna ubugcisa nomgaqo-nkqubo obandakanyekayo wentlangano ukuze kubekwe izicwangciso zemisebenzi emikhulu/imiba kunye/okanye itlangano xa iyonke. Ubuchule bokusingatha iimeko ezintsha kumgangatho wemisebenzi/imiba kunye neengongoma zoshishino ezinokuba yingxaki ezichaphazela intlangano kunye/okanye imeko yoshishino ebalulekileyo.

UMgangatho woBuchule IV: Umgangatho wobugcisa

Lo mgangatho wobugcisa ufuna kuqondwe izicwangciso nezenzo okanye iimfuno zexesha elizayo ukuze kuyilwe izicwangciso zexeshana kuloo mba okanye umsebenzi. Nali ke icebiso, ukhuthazo kunye/okanye ulawulo okanye ukusetyenziswa ngobuchule bezinto zexabiso ezimalunga nomsebenzi lowo ziinkalo zalo mgangatho. Ubugcisa obuhle bokucacisa nezicwangciso ezifanelekileyo zibalulekile njengenkqubo okanye imithetho esisiseko ayikho okanye ayicacanga.

UMgangatho woBuchule III: Umgangatho okhethekileyo

Lo ke ngumgangatho odla ngokufikelelwa emva kweminyaka emininzi yamava kunye/okanye uqeqesho. Izinto ezifundiweyo zinokusetyenziswa okanye zihlengahlengiswe ngenjongo yokuphumeza iziphumo ezifunekayo. Ukuqondwa ngokupheleleyo kwenkqubo apho lo mgangatho wobuchule usebenza khona kubalulekile ukuze kuqondwe oko kufunekayo kwiimeko ezahlukeneyo. Ubuchule bokuqonda isizathu nefuthe bubalulekile.

UMgangatho woBuchule II: Umgangatho wengqiqo

Kulo mgangatho kubandakanyeka umlinganiselo othile wengqiqo okanye isigqibo. Loo nto ithetha ukuthi kufuneka uqeqesho/amava/umsebenzi owongezelelekileyo emva koqeqesho lokuqala. Ubugcisa bufumaneka ngokufunda buze buphuhlise kukuthi gqolo busetyenziswa nolungiso de into eyenziwayo ibe sisiqhelu.

UMgangatho woBuchule I: Umgangatho osisiseko

Lo mgangatho wobugcisa uphuhlisa ngomlinganiselo nje omncinane woqeqesho. Ixesha lokufunda lifutshane ye ngokuqhelekileyo liquka ukulandela imiyalelo okanye ukubekela iindlela ofanele wenzwe ngazo umsebenzi. Ukugqwesa emsebenzini kufumaneka ngokwenza umsebenzi ngokuphindaphindiweyo ngexesha loqeqesho lokuqala kunamava owafumana kamva.

Impumelelo esemagqabini yamanzi okusela

I-Overstrand ifumene iimbasa ezintlanu kwiNkomfa yoNyaka yoMgangatho waManzi aSelwayo eKapa ngoLwesine, umhla wama-30 kuJuni wama-2011.

Iimbasa zeBlue Drop ziphonyelelewe liziko lokucoca amanzi laseGansbaai eFranskraal, isibonelelo samanzi saseStanford neziko lokucoca amanzi laseBuffelsrivier kufuphi nase-Pringle Bay.

Iziko logutyulo laseHermanus lifumene iGreen Drop ngelixa umasipala ephume kwindawo yethoba kuzwelonke kuhlolo lweGreen Drop.

UStephen Müller, umlawuli weziseko zophuhliso noCwangciso, uthi le yimpumelelo esemagqabini kwaye unebhongo ngokukodwa yindawo azibeke kuyo lo masipala eshumini kukhuphiswano lweGreen Drop.

UStephen wenze ilizwi lombulelo nochulumanco olungathethekiyo ku-Hanre Blignaut, Usekela mlawuli.

UVUYO NO SIZI

UGABBY UPHINDE WAZIBALULA



UGabby Fisher, oyintombi kaRozella Fisher, wenze kakuhle gqitha njengembaleki nonyakanje. Xa bekudityenwe kugqatso lwemibala wabalulwa njengeSenior Victrix Ludorum. Xa bekudibene iNqila waphule irekhodi kwiimitha ezingama-200 waphinda wayinxalenye yeqela elaphule irekhodi kugqatso lothathelwano (relay). Kwakhona uphinde wabeka irekhodi kumdlalo wokutsiba umgama omde wamantombazana angaphantsi kwe-17. Uqhubele phambili waya kufumana imibala yakhe eBholani kugqatso lweemitha ezili-100 nezingama-200 kwiiBoland Championships. KwiiWestern Cape Championships uphume kwindawo yesihlanu kugqatso lweemitha ezili-100 nezingama-200. Into eyenza ukuba

impumelelo yakhe ibe ngundaba-mlonyeni kukuba le ntwazana ineminyaka nje eli-15 kuphela yaye sele ikhuphisana nabantwana abangaphantsi kwe-17 leminyaka. Sim-nqwenelela amathamsanqa odwa kwikamva lakhe – sithi makantinge aye phezulu axel' intabanane.

ZAANRU SA CHAMPION

Traffic chief Rudi Fraser's daughter Zaanru has been appointed as SA champion in Semi Contact Kick Boxing at the end of June. She is a student of the Hermanus Martial Arts Academy in Sandbaai and was in the Boland Kick Boxing team that participated in the South African Kick Boxing Championships held at Langebaan on 26 and 27 June. Zaanru (middle) achieved gold for Semi Contact and silver in Light Contact for junior daughters under 47 kg.



UKUQUTYULWA KUKACHRISTO KUKUFA



Kutshanje oogxa bethu basale bebamb' ongezantsi ku-kuqutyulwa kukaChristo Damon kukufa. Ngomhla wama-23 kuMeyi waba ngathi ngumntu lo uneempawu zomkhuhlane, kodwa imeko yakhe ayizange ibe nabungcono. Ngomhla wama-29 kuMeyi wangeniswa kwisi-Bheddele sePhondo saseHermanus, apho oogqirha bathi bagqiba ekubeni abalekiselwe kwisibheddele saseVostile ngeheliokpta. Kodwa ke, wakhawuleza wayibek' inqwawa engekabalekiselwa khona. UChristo waqala ukuxelenga kwamasipala ngomhla woku-1 ku-Oktobha wama-2007 esebenza njengomsebenzi jikelele kwii-ofisi zaseStanford. Lo mfanisa ebeligatyana elisaze ngobus' ezweni kwaye ebelixhadi lokwenene kusapho lwakhe.

NDIYE NDAWUYEKA UMSEBENZI WAM UKUZE NDISEBENZELE ABANTU

UMichelle Sapepa, abathi ukumbiza abamthandayo nguZine, ubeqashwe ngokusisigxina njengomlawuli ophezulu wethala leencwadi laseZwelihle kangangeminyaka elishumi. Ukususe-la ekuqaliseni kwakhe ukusebenzela uMasipala wase-Overstrand ubengomnye wabalawuli bethala leencwadi abakhutheleyo phaya.

UZine wathabatha iintambo njengomlawuli oyintloko wethala leencwadi ngowama-2003 yaye ukususela ngo-ko uye wazibandakanya ngakumbi nemicimbi yethala leencwadi, ebonisa ukwuthanda ngokungazenzisiyo umsebenzi wakhe.

Inkaba yakhe uMichelle ikwalapha eHermanus kwaye uzazi ukusuka nokuhlala iindawo ezingqongile i-Overstrand. Njengomntu wonke okhulela apha e-Mzantsi Afrika, uZine ebenomdla kwezopolitiko kodwa ayizange ifike nokufika engqondweni yakhe into yokuba loo mdla wakhe ungaya kumfaka kwiBhunga. Yenzekile ke loo nto emva kolonyulo loorhulumente bezekhaya lomhla we-18 kuMeyi wama-2011. "Ndibamba ngazibini kubavoti abaye bandithemba," itsho le ntokazi isemincilini, ngoku unguCeba wewadi kwiwadi yesi-6.

UZine ebesoloko engumsebenzi onyanisekileyo nozijul' ijacu kuMasipala wase-Overstrand. Sithethanje, ithala



leencwadi laseZwelihle linamalungu ali-1 500, ngenxa yokuzijula wonke emsebenzini nokusoloko ekhuthaza abantwana bezikolo ezikufuphi ukuba babe ngamalungu.

Boogxa bam, niya kuvumelana nam xa ndisithi bekusibakho imicimbi ebisenzeka kwithala leencwadi laseZwelihle ebiqquzelelwa nebixhaswa ngu-Michelle nabanye abasebenzi baphaya.

"Ukubambela njengomphathi wethala leencwadi kundenze ndakwazi ukujongana nezihlewele nokuze ndikwazi ukusebenzela abantu bam ngawo onke amandla am," utsho uZine.

AMAGOSA AMATHATHU ANGUMZEKELO

Akamnyanga nje kuphela, kunoko ngoogxa bethu abathathu abaphuma kuMasipala wase-Overstrand abathe bafumana icum laude kwizifundo zabaVavanyi beelLayisenisi zeziThuthi eziLula abebeye kuzo kwiGene Louw Traffic College kutshanje.

Aba nguMichael Ackerman, uZingani Tshetu kunye noSalomé Abrahams, abebekqenqeka phambili kwezi zifundo kangangokuba banikwa nethuba lokunceda abanye abafundi ngoxa bebeneyabo imisebenzi ekufuneka beyenzile. Ebeli-15 amagosa ezothutho abezimase ezi zifundo.

Sisoloko sibudelela ubukrelekrele esinabo; abanye abantu ke bona benza konke okusemandleni abo ukuphumelela emagqabini.

UZingani ukhe wandibalisele amava akhe: "Ibingeyondlwan' iyanetha, njengoko besiquka eKapa kwaye maxa wambi beku-funeka simke emakhaya ngonyezi sibuye ngocolothi. Kodwa ke, loo nto ayikhangise isityhafise yaye sisebenze nzima kwimisebenzi neemviwo zethu. Side sagqwesa nabantu abahlala eKapa ebebenexesha elingakumbi lokufunda."



Ukusuka ekhohlo: NguMichael Ackerman, uZingani Tshetu, uSalomé Abrahams, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie noMphathi kaMasipala uWerner Zybrands.

Bobathathu aba batshatile, yaye ungazi-thelekelele ke izinto ebekufuneka bezincamile ukuze bafikelele amaphupha abo. Ndingasuka ndithi yinkxaso abathe banikana yona ebacine beqhubeka. Nangona

bebengafundi kunye kodwa baye basebenza kunye ukugqiba ezi zifundo.

USodolophu, uNicolette Botha-Guthrie, uye wavuyisana nabo ngokuzijul' ijacu nokuba yimizekelo kwiiNkonzo zoKhuseleko.

"Ndiyaqonda ukuba ukuba kude neentsapho zenu bekungelula, kodwa ke ndiyaqiniseka ukuba ezi ziphumo nize nazo zizenze iintsapho zenu zanelunda ngani," utshilo uNicolette.

INKONZO YEMINYAKA ENGAMA-20

UMasipala wase-Overstrand unesiko elidala eselide lanenkqayi ngoku lokuwonga amagosa athe aqabela umnqantsa weminyaka engamashumi amabini ekule nkonzo – le nto uyenza ngokuwawonga ngezinqini-sekiso nangokuvuyisana nawo kwintlanganiso ezeleyo yeBhunga.

NgoLwesibini umhla wama-28 kuJuni wama-2011 uCarlouw Engelbrecht ekunye no-Enrico Spandiel nabo bathe bawongwa. UCarlouw ngumncedisi kwezolawulo kwezobugcisa (IT). Wangena ngo-Apreli wowe-1991 kwezolawulo esebenza kwisebe elalisakwaziwa njengelezempilo apho wathi wafuthwa zibekwa nje kwimisebenzi efana nokumpompa amatanki econservancy and septic tanks, ukushenxiswa kwenkunkuma yangaphakathi neyesitya, ukukhutshwa kwezinqini-sekiso zoshishino nolawulo lwamangcwaba. Emva koko wabekwa njengo-Mncedi (PA) kusosiba wedolophu yaye ngelo xesha wayelawula imiba yengxoxo kunye nemizuzu yeBhunga. Ngethuba lale nkonzo yakhe inde ufumene amava amyoli kuphela kwaye ukholelwa kwelokuba ukukhalaza akuncedi. U-Enrico Spandiel yena yintsumpa eStanford, apho athe wasebenza ukususela ngowama-2006. Wayefudula esebenza kwindawo yokucoca amanzi yasePreekstoel apho wayesebenza khona ukuqala kwakhe ngowe-1991. U-Enrico uthi indlela elikhawuleze ngayo eli xesha akukholeleki ukuba sele ingamashumi amabini, nakuba nje ethe wazibona ekhasa, eqingqa de wahamba ukususela kuMasipala waseHermanus ukuya kuMasipala wase-Overstrand.



USodolophu uNicolette Botha-Guthrie kunye noCarlouw Engelbrecht. UMphathi kaMasipala uWerner Zybrands, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie kunye no-Enrico Spandiel.

ABAQASHIWEYO NABANYUSELWEYO

ABAQESHWE NGOJUNI WAMA-2011

DH Reichert	Igosa Lendlela: K53
NM Ntsinde	Igosa Lendlela Labasafunda Ukuqhuba ngomhla wesi-6 kuJuni 2011
BA du Toit	Igosa Lendlela Labasafunda Ukuqhuba

ABANYUSELWEYO NGOJUNI WAMA-2011

ZN Tshetu	Igosa Eliphezulu Lonyanzeliso Lomthetho: Ulawulo Lwezibonelelo
SS Mvambo	Umlawuli Wesikhululo Esincinane: Imiyezo
SM Wana	Igosa Lendlela Labasafunda Ukuqhuba
VS Poni	Igosa Lendlela Labasafunda Ukuqhuba
JA Victor	Ingcali Yombane
RW Sebonka	Umlawuli Wesikhululo Esincinane: Imiyezo

ABAZALWA KWINYAGA KA JULAYI

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Dodana, Thembinkosi	1	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Maasdorp, Johan	1	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Hansen, Rudolph	1	Iinkonzo Zombane	Hermanus
May, Wilma	1	Iinkonzo Zolawulo	Hermanus
Potgieter, George	2	Ulawulo Lommandla	Hermanus
Napakade, Zolani	2	Iinkonzo Zombane	Hermanus
Mado, Sia-Seth	3	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Miggel, Deon	3	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Nojubalala, Nobetwana	4	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Solomons, Merle	4	Ulawulo Lwezabasebenzi	Kleinmond
Prins, Abraham	4	Uceba	Hermanus
Makonza, Vusumzi	5	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Goosen, Daniel	5	Ulawulo Lommandla	Gansbaai
Barends, Wilfred	5	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
Maritz, Winston	6	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Kleynhans, Jaco T	6	Iinkonzo Zombane	Gansbaai
Dyonkile, Solomzi	6	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Mqini, Litha	7	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Joemat, Jakobus	7	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Hess, Elize Elaine	8	Iziseko Zophuhliso Nocwangciso	Hermanus
Bangeni, Zanebhunga	8	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Reyneke, Susanna	8	Ezemali	Hermanus
Memanie, Samuel	8	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Brikkels, Johannes	9	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Potgieter, Morne	9	Ulawulo Lwababoneleli Beenkonzo	Hermanus
Plaatjies, Wilhelm	9	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
Appelgrein, Philippus	9	Uceba	Hermanus
Pharo, George	10	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Charles, John	10	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Nqoza, Xolisile	10	Iinkonzo Zombane	Gansbaai
Bucchianeri, Lucinda	11	Iinkonzo Zolawulo	Hermanus
August, Sophia	11	Ulawulo Lommandla	Kleinmond
Gardiner, Dean	12	Iinkonzo Zendalo	Hermanus
Botma, Lorraine	12	Ezemali	Hermanus
Mr X Jongilanga, Xolani	12	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Ngova, Bruce Thami	13	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Valentine, Heinrich	13	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Booyens, Frederick	13	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
April, Jacobus	14	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Engelbrecht, Carlouw	14	Ezobugcisa Benkcazelo	Hermanus
White, James Paul	15	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Ndoko, Esewu	15	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Erasmus, Madelein	16	Ucando Lwedolophu	Hermanus
Carolissen, Lisl	17	Iinkonzo Zokhuselo	Hermanus
Theron, Alischia	17	Iinkonzo Zolawulo	Hermanus
Olivier, Roland Theo	17	Ulawulo Lommandla	Hermanus
Ramosala, Khethana	17	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Forry, Samuel	17	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Arries, Oerson	17	Ulawulo Lwemisebenzi	Stanford
Bruwer, Francois	18	Iinkonzo Zombane	Kleinmond
Van Der Stoep, Helena	18	Ucando Lwedolophu	Hermanus
Allen, Veronica	18	Ezemali	Hermanus
Faltyn, Mzoli	19	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Sitemela, Eric	19	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Arrison, Desiree	19	Iinkonzo Zolawulo	Hermanus
Aploon, Josef	20	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Abrahams, Jabes	20	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Majavu, Mxolisi	21	Ezezindlu	Hermanus
Mantyi, Headman	21	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Arthur, Angelo	21	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Coetzee, Dudley	21	Uceba	Hermanus
September, Donovan	22	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Griffiths, Samuel	22	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Adams, Alcom	23	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Bala, Sophie	23	Ezemali	Hermanus
Makeleni, Sicelo	24	Iinkonzo Zombane	Hermanus
Dyonta, Andile	25	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Windvogel, Bjutise	25	Ulawulo Lommandla	Kleinmond
Ngqisha, Thozama	25	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Muller, Ernest	25	Iinkonzo Zolawulo	Hermanus
Knoetze (Calitz), Alida	25	Ucando Lwedolophu	Gansbaai
Roelofse, Johann	25	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Hendricks, Charlton	25	Ulawulo Lwemisebenzi	Kleinmond
Ferreira, Petronella	25	Ulawulo Lommandla	Stanford
Martin, Douglas	26	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Hansen, Godfrey	26	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Stevens, Moneen	26	Ulawulo Lwemisebenzi	Hermanus
Phillips, Graeme	26	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Pieterse, Franklin	27	Ulawulo Lwemisebenzi	Gansbaai
Toerien, Hein	28	Iinkonzo Zombane	Gansbaai
Michaels, Neville	29	Umphathi Kamasipala	Hermanus
Opperman, James	29	Ezemali	Gansbaai
Reichert, Dieter	31	Iinkonzo Zokhuselo	Hermanus

SIVUYISANA NANI • SIVUYISANA NANI • SIVUYISANA NANI